



education

Department:
Education
North West Provincial Government
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**UVIWO OLUPHONONONGIWEYO
LWEAPHONDO**

IBANGA 9

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA
EYESILIMELA 2024**

AMANQAKU: 70

IXESHA: 150 imizuzu

Olu viwo lunamaphepha ali-10

IMIYALELO NENGCACISO YELI PHEPHA

1. Eli phepha linemibuzo EMINÉ eyile:

- | | |
|---|------|
| (a) UVAVANYO LOKUQONDA | (25) |
| (b) OKUBONWAYO | (15) |
| (c) ISISHWANKATHELO | (10) |
| (d) IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI | (20) |
| AMANQAKU EWONKE: | [70] |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Krwela umgca ekupheleni kombuzo ngaMNYE.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

Fundisia esи sicutshulwa uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

IXESHA LOLOKWABO

1. Inyanga kaDisemba yeyona nyanga ithandwa kakhulu ngabantu bakuthi. Yinyanga apho uninzi lwabantu lufumana ithuba lokuba luhlale neentsapho zabo kuba lixesha leeholide. Abantu abasuka phesheya kweNciba uyakufika bede babeka iintente zabo ngaselwandle. Abanye bazibhukishela kwanethuba iindawo zokuhlala ezikufutshane nolwandle bahlale apho iintsuku neentsapho zabo ngexesha leholide. Kwiphondo laseMpumaKoloni kwidolophu yaseMonti, eyona ndawo ixatyisiweyo kakhulu luluntu ngexesha lolonwabo yindawo ekuthiwa yi-Eastern Beach. Apho uyakufika kunyakazela ziintlobo ngeentlobo zabantu, abamhlophe, abamnyama abebala njalo-njalo. Apha abantu bazonwabisa ngeendlela ngeendlela. Kukho abazonwabisa ngokusela utywala, abanye bazonwabisa ngokungcembra namantombazana apha elwandle. Kukwakho nendawo ebizwa ngokuba kuseBuhlanti, apho kugcwala kungabikho nendawo yokuhamba. Ungafika bedwelise iimoto zivulwe iingcango kugqumza umculo ngaphakathi. Kukho nabantu abahlalele ukojela abantu inyama.
2. Into embi ngayo le ndawo kukuba azikho izindlu zangasese. Kuye kubekwe izindlu zangasese ezi zithathwayo xa zigcwele. Le meko yokungabikho kwezi zindlu yenza le ndawo ibe mdaka ngakumbi lakutshona ilanga, kuba umntu uzinceda kwindawo aqondayo ukuba imlungele nokuba kundawoni na. Ngomnyaka wama-2012 kwinyanga kaDisemba abantwana besikolo iGobinamba, bathi bakugqiba ukubhala iimviwo zabo zebanga leshumi zokuphela konyaka benjenjeya ukuya kuzonwabisa ebuhlanti. Bafika apho beziphathelle inyama neziselo kangangoko, kwakukho ke apho neziselo ezinxilisayo. Phakathi kwabo bantwana kwakukho u-Akhona no-Anele ababengamawele. U-Anele wayengabuseli utywala, wayezityela inyama qha emva koko asele isiselo esihlwahlwazayo. U-Anele wacebisa ukuba makungaqujwa emva kokubona abahlobo aba ukuba batyle kakhulu. Eyona nto yayingumbono ongabukekiyo nongathandekiyo kukuba aba bantwana babenxibe impahla yesikolo. U-Akhona wathi xa sele kulungiselelwu ukuba kuza kugodukwa, "Bafo bethu andinakuze ndimke elwandle ndingaqubhanga. Ndiyahamba ndiyokungena emanzini nokuba yimizuzu embalwa."
3. Lamnqanda iwele lakhe lancama. Babekhona ke nabanye abangqinelana no-Akhona ukuba makuyiwe emanzini. Bonke kanye aba babengqinelana no-Akhona ngaba kanye babenxile bethe bhakada. U-Anele walandela iwele lakhe waya kungena naye emanzini. Bathe besaqala ukuzonwabisa apho emanzini kwafika amaza amakhulu awabangela ukuba u-Akhona angakwazi ukuba abuye umva eze ngaphandle. Wazama umntakwabo eleqa ukumhlangula, kwacaca ukuba uyoyisakala kuba uya ebheka phambili uqhutywa ngamaza. Ngelo xesha kwakusele kubethe nentsimbi yesihlanu emalanga, sele betshayisile abaqeshelwe ukuhlangula nokulawula indlela emakuqujwe ngayo. Wakhala u-Anele kabuhluntu ebukele umntakwabo ebheka phambili kwabe kungekho mntu onokumhlangula. Baphuma apho kuloo manzi bethe gqa amehlo bonke, abo babengene benxilile sele buphele tu utywala entloko bothukile sesi sehlo. Kwabakho abakhawuleza bafowunela amapolisa besakubona le ntlekele. Afika amapolisa sele ekhwelise

neengcali zeendadi zangena emanzini zalanda ekhondweni. Zabuya nembande yesikhova. Bahamba bonke ukukhapha u-Anele xa egoduka besiya kuchaza esi simanga sehlileyo.

4. Bafikela kumzi osebumelwaneni kulo-Akhona bachaza okwehlileyo kubantu abadala. Ummelwane wazihambisa iindaba kubazali bamawele. Umama wamawele uNolungile wajuba waya kuvuka esibhedlele akuva ezi ndaba. Yaphela iveki umzimba ungabonakali ndawo. Kuthe xa kuza kuphela inyanga yesibini zavakala iindaba zokuba utekezwe lulwandle kunxweme laseKhiwane eTsholomqa. Wabe uyafumaneka, wangcwatwywa. Esi sesinye seziphumo ezibi zokuzonwabiso ngotywala.

[Esi sicasthulwa sicutshulwe kumabali amafutshane ibanga 9 ‘Isixhosa ngumdiliya’]

IMIBUZO

- 1.1 Jonga kumhlathi 1
Khetha impendulo echanekileyo kwezi.
E-Eastern Beach kunyakazela...
 - A abamhlophe
 - B abebala
 - C abamnyama
 - D zonke ezingentla(1)
- 1.2 Kutheni ithandwa kakhulu ngabantu le nyanga kaDisemba? (1)
- 1.3 Nika enye yeendlela abazonwabiso ngayoabantu eBuhlanti.
Jonga kumhlathi 2 (1)
- 1.4 Yintoni enokutyhafisa abakhenkethi ngale ndawo? (1)
- 1.5 Nika isizathu sokuya kuzonwabiso elwandle ngabafundi besikolo iGobinamba. (1)
- 1.6 Caphula isivakalisi esingqinayo ukuba u-Anele ubuxabisile ubomi babahlobo bakhe. (1)
- 1.7 Chonga ibinzana elikwathetha oku “ukunxila okuggithisileyo”
Jonga kumhlathi 3 (1)
- 1.8 Yintoni engqinayo ukuba u-Akhona lo ungumntu ongacebisekiyo. (1)
- 1.9 Kwenzeke ntoni ku-Akhona akungena elwandle? (1)
- 1.10 Kutheni engazange alufumane uncedo u-Akhona? (1)
- 1.11 Ucinga ukuba wenze into elungileyo u-Anele ngokulandela iwele lakhe ukungena emanzini? Xhasa imbono yakho. (2)
- 1.12 Kuthetha ukuthini “ukubuya nembande yesikhova?” (2)

- 1.13 Thelekisa indlela aziphethe ngayo la mawele. (2)
- 1.14 Ubunokumcebisa uthini u-Akhona ukuba ebesindile?
Jonga kumhlathi 4 (2)
- 1.15 Uyangqinelana na noluvo lombhali olukrwelelwe umgca? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.16 Ubona kuyimfuneko ukuba abafundi bazonwabise xa begqibile ukubhala iimviwo zokuphela konyaka? Xhasa uluvo lwakho. (2)
- 1.17 Qala ngokunika intsingiselo yeli qhalo lingezantsi uze uphinde uphuhlise intsingiselo yalo ngokuthe kwehlela abafundi besi sikolo:
“Isala kutyelwa sibona ngolophu” (3)

[25]

UMBUZO 2: OKUBONWAYO

ISISULU!! ISISULU!! ISISULU!!

Impahla nezihlangu ziyalahliwa! Zixhamlele ezakho ngemalana encincil.
NgoLwesiblanu we-14 ukuya kowama-30 kuJuni 2024 xa zisekhona
KwaZiyafikeleleka, eMthatha

Lega! Amaxabiso athotywe ngama- 50%



Ezamantombazana: lilo khwe, izikipa, kanye nezihlangu.

"Nxiba nathi mihla le"

[Nxibelelana nathi kwezi nkukacha: (018) 472 9034 okanye www.ziyafikeleka.co.za okanye isitalalo iBhadela eMthatha]

[Icatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com]

- 2.1 Khetha impendulo engachanekanga kwezi: Kule venkile akuthengiswa...
A zilokhwe
B zikipa
C zibhulukhwe
D zihlangu (1)

2.2 Esi sibhengezo sijoliswe koluphi udidi lwabantu? (1)

2.3 Nika igama levenkile ethengisa apha? (1)

2.4 Caphula isilogani kule ntengiso. (1)

2.5 Ngqina ngokulapha kwisibhengezo ukuba usenokuphoswa sesi sisulu kanye ngoku uye ngexesha elibekiweyo. (1)

2.6 Caphula isenzi esixhesha abathengi ukuba bayokuzitaphulela kwisisulu. (1)

2.7 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwemifanekiso kwisibhengezo-ntengiso? (2)

2.8 Kuthetha ukuthini xa kusithiwa ezi mpahla “ziyalahlwa!” (2)

2.9 Eli gama levenkile linxulumene njani nesi sibhengezo? (2)

- 2.10 Luthini ulovo lwakho ngokwenziwa kwezisulu ziivenkile? Xhasa impendulo yakho. (3)
[15]

UMBUZO 3: ISISHWANKATHETO

Esi sicutshulwa sithetha **ngezinto onokuzenza ukuze uxolelwe ngumzali wakho xa umoshile.** Shwankathela iingcebiso ozinikiwego apha ezingenza ukuba uxolelwe ngumzali wakho.

Qaphela:

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzisa amazwi akho kangangoko unakho.
2. Isishwankathelo sakho masiuke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

UGAMENZA NJANI AKUXOLELE UMZALI WAKHO EMVA KOKUBA UMOSHILE?

1. Vuma ukuba umoshile. Nabani na uyayenza impazamo, okufunekayo kukuba xa sele uxelelwa, uboniswa ngempazamo uvume. Sukuxhomana naye, mlinde akucacisele akubonise ukungalungi kwesi senzo usenzileyo.
2. Mchazele ukuba ulungile ngokukunqwaqwada yaye awurhaleli kuphinda umenze abe kule meko. Kukho intetho ethi ukwenza kukona kubonakalisa indlela oziva nocinga ngayo ngaphezu kwamazwi owakhupha ngomlomo.
3. Ukuba akafuni kuphulaphula ngoku, myeke. Xa esenomsindo ongaphaya kokuqonda, akafuni kuphazanyiswa. Zama ngandlela zonke ukumbonakalisela ukuba utshintshile kwizenzo zakho, wenze izinto omaziyo ukuba uyazithanda kwaye ziyanonwabisa.
4. Xa esithi uhlala usitsho, vuma ungaxoxisan naye. Ukwenza impazamo enye uqhaye ngokucela uxolo qho, kwenza umsindo. Wakucela uxolo uphinde laa mpazamo inye, oko kuxela ukuba awuzimisela ukutshintsha. Sukumxoxisa ke xa ekucacisela, zixelete wena ukuba ugqibelisile ukuwathetha la mazwi kuwe awuzukuphinda tu.
5. Musa ukulila xa ungxoliswa. linyembezi ngamanye amaxesha zibe zibonakalisa ukuzisola nokwamkela oko ukungxoliselwayo. Kananjalo zama ngandlela zonke ungalili ngoku anomisindo kuba use nokucinga ukuba uliliswa kukuba ucinga ukuba uyakutyhola okanye wenza into ebengafanelanga uyayenza. Usengacinga ukuba nawe unomsindo koko uxakwe kukumngxolisa njengoko yena esenza. Oku kumenzele ongaphaya umsindo.
6. Yenza imisebenzi aqhele ukukunyanzela ukuba uyenze. Ukuzicengezelela emzalini wakho ayisosono yaye akukho nendawo iza kusuka kuwe. Oku kumenza naye azive enomntwana hayi intanga yakhe. Yiba sisiququ ungalindi ude uthunywe, ufile

ushixiza uthwele umlomo yitshiki. Makakubone ungomnye umntu, oku kuyakumenza azidle ngawe.

7. Phulaphula kwaye ulandele imithetho ayibekileyo. Kukho intetho ethi ‘imizi ayifani ifana ngeentlanti’, sukufuna ukwenza izinto ozibone abahlobo bakho bezenza. Yenza ezi uxilelwelwe kowenu. Sukumenza nakancinci athethe amazwi athi ‘Apha kwam, uya kuphuma ngapha kwamasango uye kwenza unothanda kule ndawo ufunu ukuya kuyo xa ungafuni ukuphulaphula imithetho yam’.

[Esi sicutshulwa sithatyathwe kwincwadi yomfundi Masikhanyise ibanga 12]

[10]

UMBUZO 4: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

AMAHLA NDINYUKA OKUBA NGUMFUNDI

Abantwana besikolo bayakundingqinela ukuba xa ndithi, bakho abantwana abaninzi abathi beziswe ngabazali babo phantsi kwentlungukazi, bathi ekufikeni kwabo esikolweni, bathiwe khatha kukudangala okubi. Ungabeva beman’ukuthi; Hayi noko ixesha lisekude. Ndiya kuqala ukufunda xa iimviwo sezikufuphi. Ndiyayilibala into xa ndiyifunde kwangoko enyakeni. Kwakungena ubusika, aba bafundi bayalala ukubuya kwabo nje ezifundweni, aphi bebesenza umsebenzi wasekhaya.

Ithi ingqeleye yakutsho, ixhobe yaphelela, ibafune ngabanye ngabanye, ijikeleza iibhedi zabo ekuseni, baziqothe, baziqoshele ngamandla iingubo begqubuthela nokugqubuthela. Uthi umntwana ngamnye engqondweni yakhe: Noko isengujulayi loo. Buyaphela ubusika. Ke ngoko ndiya kufunda ngamandla kwakufudumala ngeNtlakohlaza. Aziqhathe ngelo umnumzana.

Aba bantwana besikolo ke benze iziggibo zokuba bakuqala nkqi ukufunda kwakufudumala, naxa iimviwo sezisondele. Bathi kanti abakhange baqwalasele nzulu ubungakanani bomsebenzi, baqonde nokuba ngemini bangafundisia kangakanani na, baphinde baqondisise ukuba xa kunje ke, ingaba kuya kufuneka beqale nini na kanye ukuze iimviwo zifike bequle baligangatha, loo nto sebechophe pha belinde zona. Ingqondo xa seyidiniwe, akukho nto banokuyenza ngayo ifunde.

[sicatshulwe kwincwadi ethi, Ndithungile Selani nguDV Tom iphepha 115 sahlelwa]

- 4.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:
 ‘Uzona’ sisimelabizo ...
- A sokwalatha
 B soqobo
 C sokugxininisa
 D soquko (1)
- 4.2 Nika isithetha-ntonye seli gama “ukudangala” (1)
- 4.3 Bhala isifinyezi segama “mnumzana” (1)
- 4.4 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha eladlulayo:
 Ndiya kuqala ukufunda xa iimviwo sezikufuphi. (1)
- 4.5 Bhala esi sivakalisi sibe kwisinye:
 Kwakungena ubusika, bayalala. (1)
- 4.6 Lungisa upelo kwesi sivakalisi;
 Noko isengujulayi loo. (2)
- 4.7 Likoluphi udidi Iwesihlomelo eli gama linomgca ngaphantsi?
 Bathi ekufikeni kwabo esikolweni. (1)
- 4.8 Khetha injongosenzi kwesi sivakalisi:
 Abantwana bafundela uviwo. (1)
- 4.9 Dibanisa esi sibini sezivakalisi esingezantsi ngesihlanganisi esikwizibiyeli:
 Ndiyayilibala into. Into endiyifunde kwangoko enyakeni (xa) (1)
- 4.10 Guqula esi sivakalisi sibe kwisiyaleli:
 Ndiya kufunda ngamandla kwakufudumala (1)
- 4.11 Hloba luni Iwesafobe esi sikrwelelweyo? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli:
 Ithi ingqeleyakutsho, ixhobe yaphelela, ibafune ngabanye ijikeleze iibhedi
 zabo.
 (Sisisqebelo/ Sisimntwiso) (1)
- 4.12 Guqulela kwisixando sokwenziwa igama elikrwelelweyo uze uphinde uqale ngalo esi sivakalisi:
 Abafundi bayalala ukubuya kwabo nje ezifundweni. (2)

- 4.13 Kuthetha ukuthini ‘bequle baligangatha’? (1)
- 4.14 Sebenzisa eli gama kwisivakalisi esipheleleyo ‘umsebenzi’ linike intsingiselo eyahlukileyo kunale lisetyenziswe kuyo kwisicatshulwa. (2)
- 4.15 Gqibezela esi saci ‘Ixesha lixhatshwe ..., uze unike nentsingiselo yaso. (3)

[20]**AMANQAKU EWONKE: 70**